Navrae
Enquiries Ms D. Swart
IMibuzo
Telefoon
Telephone (021) 467-2000
IFoni
Faks
Fax (021) 467-2996
IFeksi
Verwysing 12/1/1/9/1
Reference 20000111-0006
ISalathiso

Wes-Kaap Onderwysdepartement
Western Cape Education Department
ISebe leMfundo leNtshona Koloni

ISETYHULA: 0109/2002
UMHLA WOKUPHELELWA: 31 DISEMBA 2002
IYA: KUBALAWULI ABAZIINTLOKO, KUBALAWULI (KWANDLUNKULU NAKWII-EMDC), KWIINQUNUNU ZAZO ZONKE IZIKOLO ZIKARHULUMENTE NEZIKOLO EZIZIMELEYO KUNYE NOOSIHLALO BAMABHUNGA OLAWULO EZIKOLWENI

*ISISHWANKATHELO ESIFUTSHANE: Ukusekwa kweBhunga lezeMfundo lePhondo leNtshona Koloni*

ISIHLOKO: **UKUSEKWA NOKWAKHIWA KWEBHUNGA LEZEMFUNDO LEPHONDO LENTSHONA KOLONI**

1. ILungu leKhabhinethi yePhondo (uMphathiswa wePhondo) eliphathiswe iMfundo lifuna ukwakha iBhunga lezeMfundo leli phondo ngokoMthetho weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, 1997 (uMthetho 12 wowe-1997) phambi kowama-31 Disemba 2002. Sele ipapashiwe imiMiselo ephathelele kwiBhunga lezeMfundo lePhondo leNtshona Koloni kwiGazethi eYodwa yePhondo 5910 yowe-15 Julayi 2002. Eli Bhunga leMfundo liza kucebisa uMphathiswa malunga nemibandela echaphazela imfundo. Oku kuquka imibandela edluliselwa kwiBhunga eli nguMphathiswa weMfundo ngenjongo yokuba limcebise ngokumalunga nayo kwanemibandela eqalwe liBhunga ngokwalo.

2. Ngokwale mimiselo ekhankanywe apha ngasentla ngalinye ibhunga lolawulo lesikolo sikarhulumente liya kunika iNtloko: yeSebe leMfundo igama neenkcukacha (ngembali yemfundo neyomsebenzi, isivi) zomntu omnye ngenjongo yokuba angenise igama elo kuMphathiswa weMfundo. UMphathiswa weMfundo uya kutyumba abantu abathandathu kwabo batyunjwe ngamabhunga olawulo njengamalungu eBhunga leMfundo. Omnye kwabo bantu batyunjiweyo makabe ngummeli webhunga lolawulo lesikolo sikarhulumente sabafundi abaneemfuno ezizodwa zemfundo.

3. Izikolo ezizimeleyo ezibhaliswe kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni nazo ziya kunika iNtloko: yeSebe leMfundo igama neenkcukacha (ngembali yemfundo neyomsebenzi, isivi) zomntu omnye ngenjongo yokuba angenise igama elo kuMphathiswa weMfundo. UMphathiswa weMfundo uya kutyumba abantu ababini kwabo batyunjwe ngamabhunga olawulo ezikolo ezizimeleyo njengamalungu eBhunga leMfundo.

4. Isicelo somntu ngamnye otyunjiweyo masikhatshwe bubungqina obubhaliweyo bokuba umtyunjwa lowo uzimisele ukuba lilungu leBhunga. Kuphela ngabantu abahlala kweli Phondo leNtshona Koloni nabangabemi baseMzantsi Afrika abangatyunjwa.

5. UMphathiswa weMfundo makatyumbe amalungu eBhunga leMfundo

   (a) ethathela ingqalelo into yokuba eli Bhunga libonisa iintlanga zeli, isini kwanemimandla ngemimandla yeli Phondo leNtshona Koloni, yaye

   (b) kuphela kusemva kokuba iKomiti yePalamente yePhondo ejongene neMfundo ithe yenza inkqubo yokuvavanya abo bantu batyunjiweyo ukuba bame njani ngakwicala lokwazi ukwenzela izinto ekuhleni kungekho nto ifihlayo, phambi kokuba bangenise iingcebiso kuMphathiswa weMfundo.

6. Ngako oko ke kucelwa amabhunga olawulo azo zonke izikolo zikarhulumente nezikolo ezizimeleyo ukuba athathele ingqalelo into yokuba amagama abo batyunjiweyo, ngokungqamene nomhlathi 5 ongentla, makafike kwiNtloko yeSebe leMfundo ungadlulanga owama-30 Septemba 2002. Ukuba amabhunga olawulo ezikolo zikarhulumente nezikolo ezizimeleyo akaphumeleli ukungenisa amagama abo batyunjiweyo kwiNtloko yeSebe leMfundo ngalo mhla ukhankanyiweyo, kuya kuthathwa ngokuba akafuni kutyumba bantu. Amagama abo batyunjwiweyo makangeniswe ebhaliwe ngokuthi

   (i) athunyelwe ngeposi kulo

   Head: Education
   (Attention: Mr J. Solomons)
   Western Cape Education Department
   Private Bag X9114
   CAPE TOWN
   8000

   okanye

   (ii) athunyelwe ngefeksi apha (021) 467-2996

7. Nceda wazise amabhunga olawulo nabo bonke abantu abaphazelekayo okubhalwe kule setyhula ngenjongo yokuba bakuthathele ingqalelo.

**INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 08/09/03